

Ubukulu.	Irafu ese lityala.	Le rafu ilityala iqalango.	Wagqityelwa ukweli gama.
2	9 0 0	1st Januarv. 1860	John Umdliva
2	2 5 0	Do.	Do.
2	8 10 0	Do. 1870	Samuel Makembe
2	2 2 6	Do.	Do.
2	8 0 0	Do. 1871	Thomas Oibisa
2	2 0 0	Do.	Do.
2	5 10 0	Do. 1870	Magazine
2	2 6	Do.	Do.
2	5 10 0	Do. 1871	Takati Sakuba
2	1 6	Do.	Do.
2	6 10 0	Do. 1871	Katy Umhlanga
2	1 10 0	Do.	Do.
2	10 10 0	Do. 1866	Jonas Mhlaba
2	2 12 6	Do.	Do.
2	6 0 0	Do. 1875	Rora Nyengani
2	1 10 0	Do.	Do.
2	7 0 0	Do. 1873	Delan Platjie
2	8 15 0	Do.	Do.
2	9 0 0	Do. 1869	Pengekwa Darana
2	12 0 0	Do. 1863	Siswana Cubela
2	3 0 0	Do.	Do.
2	10 10 0	Do. 1866	Jonas Cekiso
2	2 12 6	Do.	Do.
2	6 10 0	Do. 1874	James Mhlangana
2	9 0 0	Do. 1869	Gida Lukhanya

(NATIVE OPINION)

NGOL
WESI-
HLAN
U,
JUNE
24, 188

[No. 137.

ELIKA ORSMOND IYEZA ELIKULU

LASE AFRIKA.

Yincindi yengcambu zemiti yelizwe.

UMPILISI WEZI LWELWE

Ezibangwa kungcola kwe Gazi, nokuba sihla bumini, ukule naso, nokuba sihle ngayipina indlela, ezinjenge Hashe, izilo ezise Lufe- leni, Ukujaduka, Ukuti nqi kwe sisu, Izifo ezise Mbilini. Ubutataka, Intswela butongo, Ubutataka be ngqondo, Izifo zesi Fuba, nent' eninzi yezilwelwe zama Nkazana, njalo, njalo.

Kangela Encwadini abapilisiweyo nendle- la elisetyenziswa ngazo, zibhalwe ngesi Ngesi, Jelimeni, si Bhulu nesi Xhosa.

Emva kokuli sebenzisa ixesha elide sele- namava amaninzi umninilo, uliyaleza nge- ngqiniseko eliyeza ukuba liyayi pilisa inko- liso yezifo zabantsundu base Afrika, kwa- nale Fiva (cesina) yase Dayimani, kona kwesi sifo sabantu abamnyama liyi ngqobo. Kawulilinge please. Litshipu, ibhotile zi- sheleni zontatu, izele liyeza elinga tata intsu- ku ezilishumi. Ibhottle nganye ihamba ne- newadi ene nteto yesi Xhosa.

Lilungiselelwa umninilo kupela ngu

G. E. COOK

KING WILLIAM'S TOWN,
Linoku zuzwa kwinkoliso yaba gcini mayeza kuyo yonke Ikoloni.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontundu ucelelwa ukuba ukange- lise lamayeza abalulekileyo.

- | | |
|------|--|
| | Elika |
| COOK | Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile. |
| | Elika |
| COOK | Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile. |
| | Aka |
| COOK | Amafuta Ezilonda Nokwekwe; 9d. ibotile. |
| | Elika |
| COOK | Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile. |
| | Ezika |
| COOK | Ipils. 1/ ngebokisana. |
| | Eka |
| COOK | Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile. Oka |
| | Umciza Westepu Sabant- wana. 6d ngebotile. Oka |
| COOK | Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana. Oka Umciza we Cesine. 1/6. |

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,
E QONCE.

GIE BROTHERS,
Abatengi naba Tengisi bento Yonke.

KUPELA kwesi Tora saba Ntsundngenene kule Dolopu yase TARKASTAD.

Zonke intlobo zezinto eziveliswa yi ntse- benzo yeli lizwe zitengwa ngamaxabiso pezulu kanye.

ISISULU.

IMPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongwe. ni endala. Ingcawa, ilokwe, ibhulukwe, amahashi, inkomo. Yonke into oyifunaya Isisisulu! Isisisulu ! e Qonce ukangele emarkeni.

GEORGE GIE

I-rente yo Mhlaba, no Mteto noku Tengisa,

GREY STREET, TARKASTAD.

IZIKWELITI uzibuta ngoku kaula, ini-kwe umninio kwa oko. Onke amatyala aba ntundu etetelwa ngemali encinane kakulu. Uli Gosa le South British Fire Insurance Company of New Zealand.

ISA ZIS

I Ofisi yo Mpatisu-a-Mihlaba Nemisebenzi, e Kapa, 23 April, 1887.

E KOKUBENI Rulumente enikwa amandla, yinteto yesiqendu sokuqala so “ Mteto Wemihlaba elahliweyo,” wesi 3 womnyaka we 1879, ukuba makayisebenzise ayabe Imihlaba Elahliweyo ngabaninayo ngokulohlobo luchazwa apa, okokuba :-

“Xemikweni kuko Irafu Yomhlaba ebanjwa u Rulumente wale Koloni ngendawo mhlambi ngempahla efunyenwe ku Rulumente engabhatalwanga kwada kwapela iminyaka elishumi, yaza londawo mhlambi lompahla yayekwa, yashiywa, yalahlwa waza noyena mminio nokuba ngoqeshileyo,” xa ngaba kunjalo, kwanommeli wake ngomteto, akafunyanwa, kuya kuyifanela i Rulumente yenza isaziso ngalondawo mhlambi ngalompahla exela ukuba ilahlwe kwi *Government Gazette*, nokuba kukulipina ipepa, cyoqonda ukuba lifanelekile knbe kanye ngenyanga kuzisa ezintatu ezilandelanayo, kuze kuti ukuba pakati kwezo nyanga ntatu zesaziso akafikanga umninio mhlambi oyiqeshileyo londawo nokuba yimpahla, kungafiki nommeli wake, ukuba kumisa ibango lake kuwo, aze afike ayibhatale lorafu ilityala, koti ekupeleni kwezonyanga zintatu zikankanyiweyo, i Ruluneli iya kuyitabata londawo nokuba yimpahla ibe yeyayo, ize iyisebenzise nangawupina umteto wolohlobo owoba uko apa e Koloni ngeloxesha : kodwa ke, amaxesha onke ukuquywa kwalomteto ukankanyiweyo maze ulungelelane nezahlikwana ze sibhozo, nese sitoba nese shumi zom-Miselo we 9 womnyaka we 1844, ukuba ube ngumhlaba obambisileyo, nokusetyenziswa kwemali zawo zivume- lane nalowomteto.”

Apa ke kwaziswa bonke abantu ukuba le Mihlaba ibalulwa ngasezantsi apa ekwisiqingata sase Bofolo kutiwa iyelahlliweyo ngabaninayo njengoko sekutshiwo ; ke u Rulumente uyakuyitabata ibe yeyake ngo November 1, 1887, ukuba ayimenywanga kwangapambi kweloxesha, zaza zahlaulwa irafu ezingamatyala kumantyi wesosiqingata, njengoko kubhalwe ngako kwesi Siqingata solo Mteto uxeliweyo.

F. SCHERMBRUCKER,

U mpatiswa.

LUHLA MELI

Igama lomninio Ekuqaleni. Ixesha lokunikwa kwe Taitile.

Ukucazwa ko mhlaba.

No.	Igama lomninio Ekuqaleni.	Ixesha lokunikwa kwe Taitile.	Ukucazwa ko mhlaba.
1	Samuel Makembe	8th March, 1859	436 Garden Lot
2	do	do	478 Building do
3	do	do	440 Garden do
4	do	do	476 Building do
5	Thomas Qibisa	12th May, 1859	517 Garden do
6	do	do	565 Building do
7	John Magazine	do	522 Garden do
8	do	do	568 Building do
9	Takati Sakuba	do	533 Garden do
10	do	do	578 Building do
11	Katy Umhlanga.	31st May, 1859	899 Garden do
12	do	do	857 Building do
13	Rora Nyengani	do	1255 Garden do
14	do	do	1185 Building do
15	Delan Platjie	do	1268 Garden do
16	do	do	1184 Building do
17	Pengekwa Darana	do	1663 Garden do
18	Siswana Cubela	do	1392 Building do
19	do	do	1739 Garden do
20	Jonas Cekiso	7th May, 1861	1743 Building do
21	do	do	1530 Garden do
22	do	10th March, 1861	2086 Garden do

ISAZISO SENKOSI YAMA MPONDO.

NGALENTETO kungqinwa ukuba u Mr. VENN we zibuko lenqwelo e Mzimvubu u nikwe igunya yi Nkosi Enkulu UMQIKELA ukuba abe ngu Khala Emdeni agqibe amatyalana amafutshane obusela angati abeko kwesosituba.

Kanjalo ukuba enze imigudu efanelekileyo ukunikela abaninayo impahla engaba ifunyenwe ibiwe kumacala omabini omnda anikele ingxelo ngayo kwi Nkosi Enkulu.

Unomyalelo kwakona ukuba abuze incwadi (ipasi) kwabantsundu abangena Ema- mpondweni bevela kwelakwa Rulumeni, abenze amabanjwa bonke abafunyenwe bengena ncwadi, abanikele kwi Kamp ekufupi yamapolisa, mhlambi ku mantyi.

UMHLANGASO J. S. FAKU,

Ipakati Elikulu.
WILLIAM BARNABAS,
Umbhali we Nkosi Enkulu.

Komkulu, Emampondweni, S3 May, 1887.

God save our gra - cions Queen, Long live our no - ble Queen, God save the Queen!

IJUBHILI!

DYER AND DYER

Kulevenkile i Jubhili YOMNTAN' OMHLE INKOSAZANA iyaku kunjulwa. Woti ngalenyanga ka JUNE otenge kwi- venkile yetu ye Ngubo impahla exabiso liyiponti abuye ayinikwe I 2s. 6d.

Into yonke eyimpahla

NENTSHA ATOTYIWE AMANANI

NKOSI SINDISA UKUMKANIKAZI!

QONDANI!

Umnikelo wamaphepheke wo
1887-88.

UMZI ontsundu omele umandla wase

Qonce uyatyelwa ukuba

onyaka yomhlabano 1887, opela ngo 30 JUNE, 1888, iyakuqala ukwamkelwa ngo 1 JULY, 1887.

Umteto ubavumela abantu ukuba bahlaule ngokutanda kwabo de kube ngumhla wa 29 SEPTEMBER, 1887. Abayihlaule ngapambi ko 29 September bamelwe Li-shumi Lesheleni ngendlu. Kwakona ngalo eloxesha abalunge e Xesi mabahlale ku Mr. KING, abalunge ku Qoboqobo ku Mr. VERITY, abalunge e Tamara ku Mr. DICK.

Emva ko 29 September eyakuba ingahla- ulwanga iyaku nikelwa ku MAGQWETA ukuba ayibute. Ayakuti ke ubani oyakuba engabhatalanga de kwayileyomini amelwe kuhlala Ishumi elo lesheleni, selinetole elizisheleni ezimbini, kwanendleko yama- gqweta ngendlu nganye. Impahla iyakutinjwa itengiswe. Yonke ke lonto iyakudala indleko.

Akunguwo umnqweno ka Rulumeni uku. timba impahla yabantu, mhlaimbi ukuba- nyanzela ukuba babhatala imali engapezu kweshumi lesheleni ngendlu. Kodwa ukuba abantu abavumi ukuyihlala IMALI YA- MAPHEKPEHEKE ise lixesha, ukuba ba- yadukisa, akukonto yimbi enokwenziwa ngapandle kokuba ibizwe ngokugadala.

Isaziso se Gqweta.

UMAKISI, elinye u GQADUSHE abantu abantsundu, elise Ngesi MAX KAYSER uyazisa ukuba uquba umsebenzi wokubuta amatyala, izikweliti zentlobo zonke. Umela namatyala ezi ofisini ze mantyi apo afunwe kona. Unesiqiniseko sake sakwa Rulumente se 1874 (General Commission and Enrolled Agent, Collector of Debts, and Practitioner in Magistrates' Courts), I Ofisi yake ise Mbulu kwa Mr. ARNOLD. Umrumo wale misebenzi utabata ne mpahla (Stock)

EBHAYI kwisi kolo sase Rabe (Independent) kufunwa Ititshala enesi Qiniseko—Esimilo silungileyo nenoku zixela ndawo eyaka yakuzo kubuziswe kuzo

Isaziso ku Mamfengu.

LO ugama lisekele esi saziso, uvakalisa ukuba ngelixa loku ceba lizayo, ulungiselele ukuba anike elona nani longamele amanye ngo Boya.

Impahla kanjako iyakutengwa ngemalana encinane xa sukuba umntu eze eyipeti imali kuzo zonke ivenkile zake kwela Mamfengu.

Kwakona utengisa: Ingxowa ezi 2,000 Zombona nge 4/, kuse kwi 5/ imali ngengxowa. THOS. MORIARTY. 5 August, 1886.

J. G. NICHOLSON,

Iqgweta elise zincwadini zakomkulu nomteteleli wama Fandesii,

E-NGQUSHWA.

Ulungisa amafa. Uguqula amagama e Tayitile. Uquka izi kweliti z Bhatlwe kwa ngoku.

Yonke into ayi patisisweyo ifezwa ngokukauleza.

YIYANI KWA

Q ONCE,

XA SUKUBA NIFUNA—

Izikonkwane—Into Zokusebenza Imela neFolkwe Ikoyi—Ikomityi ne Pleti I Lampi Impahla Yendlu Yonke, njalo njalo Kukwako imisesane YOKUTSHATA YE

M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI,
E-Bhulorweni nase Durban Street.

Ngoku bazilungiselele ukurola awona ma- xabiso makulu

Ngoboya Nezikumba, Zenkomo,
Nezebhookwe, Nezegusha.

Kanjako barola awona maxabiso apezulu ngokutya nezinye izinto

Ukurunywa Kwelipepa le "Mvo."

ABANGALITUNYELWA NGA POSI.—2/6 nge Kwata xa irolwa ngenyanga yokuqala ekwateni; 3s. irolwe emva kweloxa. ABALITUNYELWA NGE POSI:—3s nge Kwata xa irolwa ngenyanga yokuqala ekwateni; 3/6 irolwe emva kweloxa.

Iveki.

BABONGOZWA ngentobeko bonk' abamkeli be *Mvo Zabantsundu* ukuba benze imigudu yo- kuba bayifinyezele ku June 30 intlaulo yabo. Kukuba kuko inguqulo ezakubako epepeni lento kufuneka kuqosheliswa ngoluhlobo. Abahlolo belipepa benvaniso NGOLWESI-TATU, 8 June, u Mr. Johnson wandlale pambi kwe Palamente umtandazo ovela ku Shadrach Boyce Mama, nabanye abangakanyanga, ekutiwa ngabomanda ndla opakati komlambo oli Qonce ne Xesi, betandaza ukuba zivulwe ezinkanti ezivaliwe- yo kwesosituba, bati mawubuyiswe umva umteto oti mabungatengiswa kotsundu utywala kwiziqibi ezo.

KUNYULWE u Mr. J. P. du Plessis ngumzi wase Cradock ukuba aye kuwumela e Palamente endaweni ka Mr. Van

IMPI entsundu yase Tinara imbulise nge Timiti emnandi, ngo 24 May umfundisi wase Wesile u Rev. M. September xa anduluka ukuya e Colesberg, esihlalweni ingu Mr. A. Fowler owenze inteto yobuciko kwano Rev. S.

IMIZIMBA yabantu ihlele ezantsi kudaniswa yinto eyenziwe ngu Sir Gordon Sprigg ukwala ukukulula ababanjwa besekuko inte- to epantsi yokuba baza kuxolelwa.

U MR. JOHN E. WOOD ilungu lase Rini NGO-MVULO ozayo 27 June, iyakudibana e Rini Intlanganiso (Union) yabafundisi base Rabe ayi Dipente.

KWINDLELA eya e Kaladokwe kufunyenwe isidumbu se Lawu sesityunyuzwe kakulu zinqwelo

KUTE xa bunqikwa uboya evasini yase Tinara kwa Gerd & Spence, kwafunyanwa isidumbu sentombazana ebisebenza apo na- bazali bayo. Indlela efe ngayo ibaxakile bonke, kuba bati ibiqele ukulala eboveni, makube kute xa bubutwayo yafutaniselwa yafa.

U NOBHOKOLO isela elikulu lase Mampo- ndweni linikwe umnyaka U DR. JOHNSON wase Mtata uke wanentsu- ku ebambekile yi fiva esematanjeni.

UMTANDAZO wenkosi u Zulu zimema na- banye abemi base Hewu, otandaza ukuba bangatungwa imilomo abantsundu ubekwe pambi kwebandla eliyi Palamente ngu Mr. Frost ngo 7 June.

U MR. SOLOMON MATOLO oneminyaka eqeqeqhelwa ubuvangeli bebandla lase Di- pente e Lovedale utunyelwe kwibandla lase Skapu. Njengokuba simazi u Mr. Matolo sinako ukuti iyakumtanda impi yase Tarkaamad. Simnqwenelela intsebenzo entle lowo mhlobo wetu.

ITYALA lika Mr. I. P. Jameson no I. I.

IHLILE into esasiyiteta sisisi intlanganiso yase Ngqushwa ligqugula elinto zihamba ngasese, sadutyulwa ngu Nobhala wayo u Mr. Shadrach B. Mama ngeliti " bona aba- ngawo lamakwenkwana etu angama Gqunukwebe simana ukudlala ngawo kanti besitsho nje bayawubulala umzi batumele umtandazo e Palamente wokuba mazivulwe inkanti asele umntu omnyama.

EKUVALWENI kwe Semnari ye ntombi vase Mowali kuvakaliswe ukuba

U MATANZIMA inkosi epete umandla wase Sidutyini umise umteto ongqongqo wokuba makuyekwe ukugaulwa imiti iyapela.

U JOHN BISSET ogwetyelwe e Dayimani iminyaka emitandatu entolongweni namakulu amahlanu eponti ngapezulu ngokuba idayimani ubhenile.

NGEVEKI engapaya kwegqitileyo kubhade i Kuli ngase Xopo e Natala zapangwa zonke impahla ebezise mzimbeni.

NGOLWESI-BINI lweveki egqitileyo kubanjwe umlungukazi ngase Monti sipompotela somntu omnyama wamqokula pantsi warola imalana ebise nxilini. Kubonakala imida yenzipo emqaleni ngati ulinge ukumrwitsha akufun' ukoyiswa. Lifunyenwe elo bhedeng- ngu nakuba likanyela liti asililo elo.

U MR. S. CAWOOD inene elidala lase Rini ubhubhe ngolwesi-Tatu lweveki egqitileyo xa agqibe 79 iminyaka ubudala.

KULANDWA umkondo womntu odlwengule umfazi ezantsi kwe Ncmera e Fort Jackson ebutsheni beveki egqitileyo. Bati uzichebile indevu pezu komlomo nasesilevini, ukuka- ngeleka kwake ngati sicaka samapolisa.

U JENSEN wase Richmond ulindiselwe i Jaji ngokutshisa i venkile yake ngabom efu- na ukuze apiwe uncedo lwemali.

UMXHOSA otile obegwetyelwe intolongo e Free State ute xa asiwa kuyo wapuluka wabaleka wazeyiselisa etankeni yamanzi Bamnyula sele

INKAZANA engu Noqonce eyayigwetyelwe ukuxhonywa Emtata ngokubulala umntana ongu Mkabayi siguqulwe yi Ruluneli esosi- gweboko kwatiwa mayihlale amashumi ama- bini eminyaka entolongweni.

NGOLWESI-BINI lweveki engapaya kwegqitileyo ipolisa lase Mtata elingu Wilson libonwe selifile pandle. Kubonakele ukuba uyisele wagqitisa emcgeni indloloti, suka waraxwa xa ahlanzayo, kwapela.

ILAWU elingu Piet Kleinbooi eliminyaka 50 lilindiselwe i Jaji e Bhayi ngokudlwengula u Adriana Wetbooi ute ukuzitetelela bebe- vumelene, oludlwengulo luqala ekutetwa yinkazana le besakubaqwa lipolisa.

E KAPA kwakiwa umfanekiso we kumkani- kazi u Victoria ngamatye anqabileyo.

U FRED KENNEDY ulindiselwe i Jajie Rini wahlovuhla u Hendrik Wall nge bhoso entloko nase busweni nase mzimbeni

ABABHALELI betu maze basixolele ngoku- ngabonakali kwe ncwadi zabo epepeni nge- lixesha ihlangeneyo i Palamente isituba sivakudla

IBHULUKAZI lase Bughersdorp u Mrs Kloppert liluke ikwiliti labhasela ngayo u Victoria Ikumkanikazi. Ite isakufika kuma pakati e Nkosazana yabuviswa ati ibhaso

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-HLANU JUNE 24, 1887

A BALESI betu bo- kumbula ukuba,

isizatu sokuba u Rulumente alihahle icebo abeselegqibe kulo, lokokuba enze upawu lwalomyaka we Jubhili lokukulula ezankosi zalahlekiswayo zangena emfa- zweni, esezineminyaka elishumi zise bubanjweni, kungenxa yetyala elibekwa pezu ko Mhleli welipepa ngento eviwa " ngoyintloko elwazi- ni " ukuba zonke eziveki elipepa lishumayela "imvukelo nezipitipiti."

U TSHALISI (Mr. BROWNLEE) ubhalele kwipepa lama Ngesi i *Cape Mercury* incwadi avuma kuyo ukuba

TSHALISI lo kuqanyelwe ngaye ngu Sir GORDON. Tyapile azivelise ngo- kwake u Mr. BROWNLEE. Kuleyo ncwadi yake uti ukubhekisa ku Mhleli we *Cape Mercury* :—

Umoya warn mayelana nenkohlakalo kwa- noluvo olubi oluhlwelwe zinteto ezibha- Iwa ngu Mhleli we Mvo andizanga ndiwufihle. Ngati ndike nditete mhlope nawe kwanezinye izihlobo zika Mr. Jabavu ngale ngxoxo. Kwi Mvo ye 22 December kuko incwadi endayitumelayo enditi kuyo ku Mhleli: " Akuko noko lilinye ipepa lako endaka ndabona umbulelo, inye intambo olilisa ngayo yeyembandezelo, inxwaleko, nokukatazwa ngumntu omhlope. Njengomkokeli woluvo lwabantsundu yimfanelo yako ukuwakangela omabini amacala engoxo. Ukwisimo sokuwenzela ubulungisa obukulu amakowenu, lo ngumsebenzi onzima onyuka intaba; kanti pezu koko unokubenzakalisa kakulu, inteto ozibhalayo soloko zityekele kwelo cala ngezinyanga zilishumi zigqitileyo."

Isiqamo sokubhala sibonakala kumpu- nga wencwadi zababhaleli be *Mvo*, njenge- nto esand' ukwalatwa ngu Mr. Blaine nge ncwadi awayibhalela kwi *Watchman* ecapula *Emveni* apo omnye umbhaleli asifanisa isimo sabantsundu nobukoboka base Jeputa, esiti ngu Mr. Jabavu onesitshixo sokuwawula lawo makamandla makulu entsimbi; ekubeni omnye umbhaleli ede afunge agqibelele etyo- la Inkulu (u Sir Gordon) ngobuxoki angabe- kwa ityala elinzima ngabo.

Zona ezi zinyeliso zako zingapeliyo, zibhe- kiswa Enkulwini, ubutela konke kuyo, uyenza ukuba ideleke nokuba ibe siphoxo, uyi- ngxwela kwabo bayitanda kakulu, aziso- kwenza lizwenzakalo; inkunkuma enjalo isu- ke ihleke yakulesha, okanye itiwwe jwi kude ngengcapuko. Ikwa yilonto kwi *Mvo*, nakuba ndimelwe kumncwadi umhleli yoya kuba engazange aphoxe ngenzapo kwane zizalwane zika Sir Gordon. Ukubhala okunjalo akungenzi ngozi kwi *Mercury*, kodwa isiqamo sako ezintliziyweni zabantu abamnyama kungenza nge *Mvo* kuyinto epambe- neyo kanye naleyo.

Tina sanele xa sibeke pambi ko- mzi inteto ka Mr. BROWNLEE asimangalele ngayo nangqinisa ngayo ukuba sixhaya imfazwe. Inteto le yona ingapendulwa ngamazwi ambalwa. Into yokuqala siyambulela u Mr. BROWNLEE ngokusihlamba kwituba lendelo yokweya Inkulu nabahlolo bayo—yinto ke leyo ebi- ya kubonisa ukuba asiseko kutende esizama lona kwinto zombuso oloku- kangela " Imiteto ingezizo iziqu zabantu."

Enye imiteto ngati ngu- Mvo, ngokubhekisa ku Mr. Brownlee

U MR. JOHN E. WOOD (ilungu lase Rini) unike isaziso sokuba ngo 30 June uyakundulula ingxoxo ngelicebo:—Eli- bandla lichiga okokuba kuyanqweneleka ukuba iziqibi emakungatengiswa kuzo utywala kotsundu ngomteto we 28 we 1883 mazandiswe ziquke ezizitili, esase Rini, Emyameni, Batisi, Ingqushwa, Idike, Ibhofolo, Nyara, Somerset East, Monti, Cumakala, Qumra, Qonce, Dodo- lora, Mpofu, Komani, Skapu, no Daliwe.

UKUTUNGWA KWE MILOMO. Ingxoxo enkulu indululwe ngolwesi- Tatu (June 15) ngalomteto wokuvalwa kwemilomo yabantsundu kwinto zombuso. Iqalwe ngu

SIR GORDON SPRIGG ote lomteto mtsha awaneke pambi kwebandla, ubange inteto eshushu kulo lonke. Into abajonge kuyo ngokungenisa lomte- teto igqwetiwe. Lomteto ubekwe amabala amabi, kuba kusitwa ngowokudala ububi, awunamfanelo, ubuhlazo. [Mr. LEWIS: Kanye.] O, ilungu elibekelileyo elimele ela Maqwelane liyavumelana nalongxelo, ubeba lonto ayikude itetwe ngamalungu elo bandla, emakabe u Mr. Lewis woyityebisa inteto yake. Uhambise wati yimposiso ukuba kutiwe lomteto

nisa icebo kuputunywe kwinteto zake ezindala, nanamhla fan' ukuba ziyaku- putunywa, akasakupuma emgaqweni wa- ke aye kuzikusela. Iminyaka ayifani. Namhla asimnyaka we 1877 ngowe 1887. Akacaluli bala mayelana nokungeniswa kwabantu kumalungelo ombuso into ayi- casileyo kukuba ubani, nokuba ulilipina ibala ongenamfanelo Kulomalungelo angeniswe. Lomteto ? kwamagama emalungelweni, bangako abati yintonina ukuba ungeniswe ngoku lomteto? Umntu ontsundu uxolile yini- na ukuba apitizelise ? Asinguye opiti- zelisa abantsundu, ngabantu abase Ma- xhoseni abapitizeliso. Ukuze ziviswe izizatu zokungeniswa kwalomteto kuya- kufuneka alate kwincwadi zamagama abanelungelo lokupendula kwinto zalo- mbuso zezitili ezitile, amagama ayaku- nyula amalungu e Palamente entsha kuzo ezinyanga. Uqale nge Monti, wati abafikile eshumini abantsundu kwesosi- tilii abanemfanelo kwinto zombuso, ngoko ke uyavuya. Makeze ke kwesase Alvani esiquka i Herschel, ngo 1882 o Kafile ba- beku 260 encwadini yabanyuli, abanyuli bebonke kulomandla 1,280, ngo 1886 aba- nyuli ba 1,480, o Kafile ba 800. E Bhofolo ngo 1882, abanyuli bonke babe 1,179 o Ka- file be 160 engawabali Amalawu. [Mr. LEONARD: Uwaqonda ngantoni?] Ama- gama ayaxela. Kodwa ngo 1886 abanyuli bebonke ba 1832 o Kafile ba 400. E qonce ngo 1882, umdumba wabanyuli 1676, o Kafile 370, kodwa ngo 1886, abanyuli bo- nke baba 3,301, o Kafile bali 1,300. Eko- mani ngo 1882, 2,080, o Kafile 220; 1886, 3769, o Kafile, 1770. Edikeni nase Ngqu- shwa, 1882, 628, o Kafile 90; ngo 1886, 1023, o Kafile 520. E Dodoloro, ngo 1882, 1,424, o Kafile 50; 1886, 2,711, o Kafile 1,325. Ngxatshike. Kutiwa ke mayelana naba Kafile lomteto mtsha ubahluta ilungelo abebeseloko benalo leminyaka i 30 idlu- leyo. Ababantu bayaqala ukungena kwe- lilungelo, bengenayo nsemfanelo kulo. Ukuba lento iyekelwe iyakwanda. Aba- bantu abanamfanelo, kuba ubuninzi ba- bantu abana zitaitile zeziqum emihlabeni, bengavumi nokuzitabata naxa azenzileyo u Rulumente. Batanda ukuma ngobu- zwe. Lomteto umisela ukuba amagama abanemfanelo angeniswe zi Feltkornet, ezingasakungenisa magama abantu ezi- batandabuzayo. Ukuba amalungu ecala elimchasilayo awanelisi we yilonto ngaba amele ukuba kungeniswe abantu abangenamfanelo. Maye- lana nesiqendu se 17 salomteto esikupa abantu abangena taitile zeziqum, angati ababantu abazanga baba namfanelo nani- nina. Indlu yomntu omnyama ayigqitile exabisweni le £2, umhlatyana emi kuwo awugqitile kwi £7 10s, elixabiso lingapa- ntsi kude kwi £25 efunwa ngumteto. Akayifihlanga into yokuba uyakuti wa- kumiswa lomteto ukupe into eninzi ya- bantsundu. Yaye into ojonge kuyo lom- teto ikukuhlambulula incwadi zamaga- ma abantu abanemfanelo ukupendula imicimbi yombuso.

U CAPTAIN BRABANT ute unosizi kuba ezifumana kwisituba sokuba achase ilungu (u Sir G. Sprigg) amele i Monti nalo kulonkundla. Lomteto awusaku- menzakalisa nganto yena, kuba kungeko banyuli bamnyama e Monti, kanjako akamntu ukangelelwe ukuba ungmhlo- bo omkulu wabantsundu njengamanene akufupi naye. Uuwchasa lomteto enga- sekeleze nto. Oyintloko yo Rulumente selete kutabata amashumi amabini emi- nyaka ukuguqula izimvo zake [u Sir G. SPRIGG: Anditshongo]; kodwa yena usati uluguquguqula yonke iminyaka uluvo Iwake. Oko kwakuxoxwa ngome- lo Iwe Transkei wavakalisa uluvo olu- ngangqinelaniyo nolu luvo aluvakalisile- yo namhla. Ukuba izimvo zomongameli we Rulumente ziguquguquka kangaka pakati ko 1886 no 1887 kuyakuba yintoni- na ngo 1888. Ngeloxa mhlaimbi ibandla lingasingata umteto okupa elinye iqela elungelweni. Lomteto unobuqokolo obu- kulu. Ujonge ekukupeni abamnyama kwilungelo lokupendula imicimbi yom- buso. Ausekeleze kunqoloba abantsu- ndu nje, ungeniselwa ukuqiniseka ulaulo Iuka Sir Gordon Sprigg owongenisi ngokuti kudaleke umahluko obanzi pa- kati kwa Mangesi na Mabulu. Ngum- teto nje wokuhluta ilungelo bonke abantu abangenelisiweyo zizenzo zolaulo Iwalo Rulumente ka Sprigg, ukuze kunyulwe abantu abavana naye kupela. Uyichasile yena into yokuba kumiswe i Feltkornet ukuba zibe zizo ezingenisa amagama aba- ntu kwincwadi yabanelungelo, kuba ku- kunokumiswa abantu abakolwa licala eli- tile nelitile. Ute izohlwayo abamelwe zizo abantu abafuna bengenisiwe kwi- ncwadi yabanyuli zanele ukumenza oyike nabanina, nobekolwa ukuba unayo imfa- nelo kuba eyakubuzeka ngendlela-ndlela angazaziyo. U Sir Gordon nolaulo Iwake soloko leminyaka mibini besenza konke abanako ukubapitizelisa abantsundu, be- zama ukupehla imfazwe ukuba banako. [Oh, hear, hear.] Leminyaka mibini lo

mabanyiqale akayoyiki. Amafama awazange oyiswe ngu Mxosa. Enye into inkosi za Maxhosa zafa ezinye zichitakele. Ukuba woyisiwe ngu Kafile angamtobela, kodwa into ayakuyindwebela kukuba angamoyisi. Akuncedi luto ukuteta into eninzi u Kafile angoyisa bani? Akangi abantsundu bangatungwa imilomo kodwa mabane nemfama. Lomteto ungolungileyo kanye.

U MR. LE ROEX ute uyavuya lomteto ungeniswe. Into efumwa nga Mabulu kukuba ilungelo lokuvota linyuswe libe ngamashumi amahlanu eponti ikabiso lemfuvo yomntu. Uyatamba ukuba lomteto uyakwamkelwa li Banda.

U MR. SAUER uvakalise usizi noku-mangaliswa vinteto yelungu lase Bho-bhofolo (u Mr. Oosthuizen) ekubonakele ukuba liqwenela imfezwe. Inteto ze nkulu yolaulo (u Sir G. Sprigg) uhlala ezi-pulupala ngemihlali naxeshikweni angavisisaniyo nazo, kodwa akazange amve eyiloza ngohlobo ayilozwe ngalo namhla. Umdlululi ngoxo umise into ezimbini ezimbange ukuba angenise lomteto. Ute eyokuqala kukuba kubalwe abantu belilwize, ngapandle kwendleko, enye kukuba kungeniswe encwadini yabancungelo abantu abangekoyo kuyo ngoku. Yena (Mr. Sauer) uyakubonisa ukuba uyakukupa abakoyi. U Sir G. Sprigg uqale ngokuti lomteto awugudle bala, kodwa yonke inteto yake ibisalata kwinto enye, yokupuka abamnyama. Kumanani awakanyileyo akatetanga nto ngokwanda kwabamhlope, ibe ngabantsundu kupela abacalulileyo. Zaye ezindawo azityumbileyo zizezizumela amalungu am-chasileyo lo Rulumeni wake. Lomteto kungatiwa umikondo mibini, omnye ungokungeniswa kwamagama encwadini yabancungelo, omnye ngowalutwe kwisiqendu se 17 azame ukusicacisa u Sir G. Sprigg. Lamalungelo sinawo embusweni siminyaka i 30 sinawo engakalazela bani. Kungaloniyaka we 1887 aqalayo ukurorelwa ngu Rulumeni owonganyelwe linene elizigabisa ukuba lili Ngesi. Akasakuputuma kwinteto zika Sir G. Sprigg zeminyaka egqilileyo, kuba kubonakala ukuba uyavuzisa ngokutshintsho qula inteto yake. Kukakho u Sir G. Sprigg esiti ontsondu ufanelwe ngawo omnye amalungelo aka kwaniye ngohlobo. Akusizi luto kuba ngumteta - eziguqile. Ngokupatelele kwisiqendu se 17 akalityilelanga iBanda u Sir G. Sprigg ukuba uteta ntonina ngomhlaba omiwe ubuzwe. Make alinganise nge Herschel (Gqili) lowomhlaba umiwe ubunina? Ngomhlaba omiwe ubuzwe yena (Mr. Sauer) uba kuterwa umhlaba omiwe sisizwe esitile songanyelwe yinkosi yaso, njengama Mpondo, nemfanelo zabantu zilungana. Akuseko mhlaba umiwe ngolohlobo kwe-lipetwe ngu Rulumeni lonke. E Herschel umntu omnyama ngamnye unendlu yake uzimelwa eyake intsimi, imveliso yayo yevake yedwa. Umnto we Nkosazana awufuni nto yimbi ngapaya. Kodwa lomteto mtsha ngati ugudle abantu abemi ngoluhlobo lwabase Gqili, ngokoke bonke abantsundu bayakutungwa imilomo. Ligama nje kodwa ukuba kutiwe ngumteto wokingeniswa kwamagama encwadini: ungumteto wputungwa imilomo. Ilungelo lalinganikwe abane taitle bodwa. Utsho wacapula kwinteto ka Mr. W. Porter, wabhali walomteto. Nokuba umntu umi kmlhlabala ka Rulumeni ayafelwe lilungelo [u Sir G. SPRIGG: Ndiyavumelana no Mr. Porter.] Ingaba inene elibekelileyo liyavumelana no Mr. Porter, kodwa isiqendu se 17 salomteto asingqinelani naye. Esi siqendu sijonge ekubaqeteleni bonke abantsundu. Lonto mayi-ondwe kakuhle. Kodwa u Rulumeni uti akajonge kulonto. Isiqendu se 17 sibatunga umlomo abantsundu. Kuhlentona ukuba kungeniswe lomteto? Amalungu atunyelwe ngabantsundu kweli Banda awafanelekile na? Lomteto ungeniswele ukujukutya paya amalungu anyulwa ngabantsundu. Asingawo owo-kulungisa incwadi yabanemfanelo, kuba ukuba ube unjalo ubangasakusekela abantsundu 5 abase Maxhoseni bodwa. Atenina amagama ase Kapa ukuba angahlanjuluwa. Ayekelwa nina Amakuli ase Kapa? [U Mr. HOFMEYER: Isiqendu sesihlanu.] Ukuba ilungu elibekelileyo libe liwulesile umteto liyakuqonda ukuba lomteto awasakulichukumisa a Kapa. [Kwadunywa.] Umangaliswele ukuqonda ukuba u Mr. Hofmeyr akakangawawulesa lomteto, kuba ungeniswele ukukolisa yena. Nguye uyise wawo. Yena (Mr. Sauer) umise inyawo kwindawo yokuba bonke akukatalelekile nokuba bamhlope bamnyama nokuba ngabalupina uhlanga mabangeniswe emalungelweni ngomteto. [U Mr. OHLS-SÖN: Hear, hear.] Ilungu lase Kapa liyayitakazela lonto, alazina ukuba lomteto ngokupa elungelweni abantsundu base Maxhoseni. [U Mr. OHLS-SÖN: Hayi.] Malenze nalo into ebengenziwanga ngu Mr. Hofmeyr, liwulesile lomteto mtsha. Umongameli wo Rulumeni ute ukuba lomteto awumiselwanga abantsundu bayakuba baninzi ngapezu kwabamhlope. Abantsundu basengotweni yelilwize—Emaxhoseni, banokutina uku-Uqita kwabamhlope. Ukuba akunganyelwe abamnyama, ungeniselwani nake lomteto. Bonke bafanele ukuba babe nezwi kweli Banda, ngakumbi abantsundu ikuba imiteto yalemnyama mibini eyenzelwa abamnyama yeyokuba bandezela. Ukuba ke kuko lomoya wokubandezela, ize bangabi naye nomokubatelela apa Ebandla, kuyakuhla izinto eziya kubangisa usizi. Lomteto wokutunga imilomo yabantsundu uyigxekile i Jubhili wo Mntan? Omhle. Uyatamba ukuba iBanda alisakuvuma ukuba ume. Ukuba lite lavuma ukuba ume iBanda lomteto liyakuba lifumane labadlala-ndlala abantu abamnyama, ayakugoduka amalungu esiva ukuba enze into engafanelekileyo, yokuba ontsondu angabi natuba lokuzingenisa ngomteto iziroro zake. Kulungile ukuba bazingenise ngomteto kunokuba bazingenise ngezinye indlela. Uyalibongozza ngoko iBanda ukuba lingamahluti amalungelo ontsondu okuzipendulela. Malingenzi nto eyakudala usizi kuwo onke amalungu, nengasakungcwaliswa, ibeluncedo embusweni. [Kwadunywa.]

U MR. DU PLESSIS (omele i Komani) uxhase umteto wokutungwa kwemilomo esiti abantsundu abakatali nokuba bayatungwa, ngabatile abafuna ivoti zabo abangxamileyo.

U MR. DU TOIT uxhase ukualwa kwemilomo yabantsundu.

U MR. O'LEARY naye ute uyakuxhasa ukukutshwa kwabantsundu elungelweni ukuba inteto zika Sir Gordon azipikiswanga.

U SIR THOMAS SCANLEN ute lengxoxo inkulu kunene. Yena uxinge kwisituba esimisa i Felt-kornet kuba zingena-ko ukubangeniswa bonke abantu encwadini

ni yelungelo ngapandle kokutyelelela kwindlu nganye. Njengokuba selipilele ixesha ucele ukuba azaseleyiquba ngexesha elilandelayo. Kwavunye lwana. Ingxoxo iqale kwakona ngolwesi-Tatu 22 June.

I QONCE NE JUBHILI.

